



Ikamva-Ukunonophela
abantwana bethu

Isiqinisekiso 1

Isihloko sesifundo: iCatechism

Isikhokelo soMzali

Isikolo seCawa saseKhaya



Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisifundo sesiqinisekiso1 esithi “**iCatechism**”

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kusenza ngaso isifundo.

Uzilungiselela usibele njani na isifundo

Ngezantsi kukho amanye amacebisso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonko elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp: https://bit.ly/3NACSSH
2.	<p>Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo:</p> <ul style="list-style-type: none">• iBhayibhile• Isifundo esikwimo yePDF eselete ilungisiwe• Incwadi yomsebenzi womntwana kanye neepensile, iikhrayoni, njl.• Isiqwana sevideo sisixhobo esongeziwego / sisixhobo esongezelwego sokuzikhethela• ICatechism nakwiCatechism kwimiBuzo neeMpendulo (ngokukhethekileyo kwisiqinisekiso) <p>Qaphela:</p> <p>2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemvu kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa.</p> <p>2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho!</p> <p>ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45.</p> <p>2.3: Isifundo seseklasi ngaye (Isiqinisekiso 1).</p> <p>2.4: Nceda unxibelelanelo notitshala wesiqinisekso ukuba ufunu naluphina uncedo okanye ufunu nasiphina isixhobo kwezi zingasentla.</p>
3.	Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.



Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekaka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apha wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. Umzekelo: Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono Iwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana (Nam Ndiyafuna Uku...)
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

- Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kune nolunye usapho olunomntwana okwisiqinisekison 1.
- Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
- Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkukacha (ezongelelekileyo).



Isifundo

Isihloko seSifundo	iCatechism
Imibhalo yeBhayibhile	Aukho Sifundo seBhayibhile kwesi Sifundo
Injongo yesifundo	Sithini isizathu sokubhalwa kweCatechism yeBandla eliTsha lobuPostile yabaPostile (CNAC). Ukwakhiwa kweCNAC Imibuzo neeMpendulo (CNAC-QA) incwadi kwaye ihambelana njani neCNAC. Uyisebenzisa kanjani incwadi ye-CNAC- Imibuzo neeMpendulo.

Isishwankathelo sesifundo:

Yintoni iCatechism?

Ngamaxesha akuqala obuKristu, abantu abadala babenikwa imiyalelo ngaphambi nasemva kokubaptizwa. Xa ezi mfundiso zabhalwa phantsi, la maxwebhu abizwa ngokuba yiCatechism. ICatechism yokuqala yabako ngenkulungwane yesibhozo kwaye yayiqulathe isiVumo soKholo kunye noMthandazo weNkosi ineenkcazo.

Yintoni iCatechism yethu?

- Yincwadi yesalathiso semfundiso yebandla elitsha lobuPostile.
- Kubalulekile ukuqonda ukuba isiseko semfundiso yethu yiBhayibhile. Inemigca ebanzi yeengxelo eziphambili zeTestamente eNdala neNtsha yeBhayibhile, iinkolelo ezisisiseko zawo onke amaKristu, kunye neempawu ezithile zenkolo yobuPostile obutsha.
- Isebenza ukukhulisa ulwazi lomntu kukholo lwethu, inike umgangatho wobomi bokholo, kwaye ixhase incoko namanye amahlelo.
- Kule minyaka idlulileyo icatechisma yaphuhliswa kwaye yahlelwa liBhunga labapostile kwiinguqulelo njengoko siyazi namhlanje. Kwathabatha iminyaka esixhenxe kwiBhunga labapostile phantsi kweNtloko yabaPostile uLieber (ukusukela ngo-2005 ukuya ku-2012) ukuyiggibezela inguqulelo yamva nje.

Nantsi indlela eyakhwiwe ngayo iCNAC kwaye nazi izahluko zayo:

1. Izityhilelo zikaThixo
2. Isivumo Sokholo
3. UThixo oziyu zithathu
4. Abantu abadinga intlawulelo



5. Imithetho kaThixo
6. Ibandla likaYesu Krestu
7. Isikhonzo
8. Iisakramente
9. Ubomi emva kokufa
10. Imfundiso yezinto ezizayo
11. Ukusuka kwimbali yobuKristu
12. Inkonzo yobungcwalisa, izenzo zentsikelelo, nokkathethelelo emakhaya
13. AmaKristu obuPostile obuTsha kunye nobomi bawo bokholo

iCatechism enku lu enamaphepha angama-515 inolwazi oluninzi kwaye iya kwiinkcukacha ezinkulu kwisahluko ngasinye.

I-CNAC Kwimibuzo Neempendulo:

- Olu hlobo lusebenziseka lula.
- Ngendlela engama 750 emibuzo kunye neempendulo abafundi bakhokelwa ngumxholo weCatechism.
- Izihloko zahlulwe zayimibuzo ngamnye kwaye ziqulathe imiqolo yeBhayibhile epheleleyo okuchaza impendulo, ngenxa yoko akuyomfuneko ukuba ube neBhayibhile.
- Akukho magama maninzi obuchwepheshha, ngoko kubakulula ukukhumbula.
- Akukho zinkcazo zinde kwaye inemifanekiso yokuchaza.
- Kulula ukufikelela kulwazi malunga neBandla eliTsha lobuPostile kunye nokholo lwethu.

Kufuneka uyazi inkolo yakho yobuKristu ukuze wabelane nabanye. Xa sisebenzisa iCatechism njengesalathiso, kukho ukulungellelana kwinkcazo yethu, ngamnye amazwi, sonke sithetha into enye.

Sisalathiso esibalulekileyo kuyo yonke imibuzo yakho ngexesha leminyaka yesiQinisekiso.



Sithetha ukuthini esi sifundo kuthi namhlanje?

- Sinokufikelela olulula kulwazi malunga neBandla eliTsha lobuPostile kunye nokholo lwethu.
- Olu Iwazi luyafumaneka kuhlobo olulula ukuyisebenzisa kwincwadi yeCNAC-nemiBuzo neeMpendulo
- Olu Iwazi luyafumaneka kuzo zonke iinkokheli kunye namalungu noluntu ngokubanzi.
- Yenza isiseko sayo yonke imfundiso ebandleni lethu. Uya kuyisebenzisa kwisiQinisekiso.

Eminye imibuzo esinokuyibuza:

1. Yabhalwa nini ikatekisima yokuqala kwaye yayiqulathe ntoni?

Impendulo: Kwinkulungwane ye-8 kwaye yayiqulathe isiVumo sokholo kunye noMthandazo weNkosi eneenkcazo

2. Mingaphi imibuzo neempendulo ezikhoyo kwincwadi ye-CNAC-nemiBuzo neeMpendulo?

Impendulo: Yimibuzo engama-750 kunye neempendulo zikhokela abafundi kumxholo weCatechism

3. Ndizazi njani iimpendulo yale mibuzo ukuba zichanekile?

Impendulo: Isiseko semfundiso yokholo lwethu yiBhayibhile. lingxelo ezingundoqo zomyalezo weBhayibhile zinikwe kwiCatechism

4. Ngubani ophuhlise waze wahlela iCatechism kwinguqulelo yamvanje njengoko sisazi?

Impendulo: LiBhunga laBapostile phantsi kweNtloko yabaPostile uLieber ukususela ngo-2005 ukuya ku-2012



Umthandazo kaTata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:

Thixo othandekayo, enkosi ngale mini

Sikelela bonke abazali kunye nabantwana

Kunga singeva ubukho bakho

Sikelela isifundo esiya kuba naso

Nceda usifundise sikukhonze njani

Kwaye sincede senze intando yakho

Ukuze sisondele kufuphi kuwe

Thumela uYesu ukuze asiphathume

Kwaye kwanga singakulungela ukuhlangana naYe

Amen